IMVO ZABANTSUNDU

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

(NATIVE OPINION).

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOMVULO, JANUARY 19, 1885. [No. 12.

G. WHITAKER,

Isebe elitengisa nentwana ezincinane,

Kwivenkile ebisakubu yeka Magiligana (.McGREGOR'S)

Utenga zonke intlobo Zoboya, Nezikumba zempahla emfu- tshane, Neze Nkomo, Nempondo, enika amaxabiso adluliseleyo.

Uhlala enento enenzi yentwana ezinjengo zi-ti, swekile, kofu njalo, njalo

INGUBO, IKELEKO, IPRINTI,

Ipuluwa nezikali,

Ingcawa, Amafelane, Ikeleko Zokulala.

Amacuba entlobo zonke—-kwa nayo onke into enqwenelwa ngabantu abantsundu.

Yonke impahla idla amaxabiso ahlisiweyo.

M. KEEVY & CO.

(Kwivenkile ebisakuba yeka Ngomti)

E-Bolorweni, nakwi strata sase Durban, nakwa Komani.

Abatengi nabatengisi bempahla ngempahla.

Amaxabiso amakulu ayanikwa ngo Boya, Nezikumba, ne- ntwana zonke ezitengiswayo.

JOHN ROBINSON,

E-BONGWENI, TOLENI,

Pesheya kwe Nciba, kwela Mamfengu,

Umtengi nomtengisi wofani ngofani,

Izikumba zenkomo nezempahla emfutshane zitengwa ngemali.

Indawo yokutengela abantu besikolo yahlu- kile kweyamaqaba.

W. O. CARTER & CO.,

Kwikundla ka Makeleni, e-Qonce. (Maclean Square).

Yizani kuhlola impahla.
Akabizwa nto ubani ngokuhlola !

Iswekile (eyona isabiso lipantsi kulomzi.
Isepa, *Uhlobo olutsha olulungekunene*
Inkumtye, nezipato zazo, intlobo ezingadli kubonwa.
Inkumtye ezinkulu (basins) ne pleti, njalo njalo.
Ikeleko ne Printi ezidlulise- leyo
Ibulukwe zekodi nezoboya zentlobo zonke.
Ibatyi, ne ndulu-batyi.

Umgubo, nombona ngamaxabiso anikwa emarikeni.

Imikala netuma zamahashe (engonoxesha).

Lempahla ingentla, okanye nto yonke eningayinqwenelayo ninokuyi- fumana tsliipu ifanelekile ezitoreni zetu.

P.S. — Uboya, Izikumba zenkomo, neze mpahla em- futshane, zitengwa apa.

—

PAULA. — Izicaka ezifuna umsebenzi zingeza apa, kuba sine- ncwadi ati onke amaledi afuna abantu azise kuyo.

W. O. CARTER & CO.,
Maclean Square,
KING WILLIAM'S TOWN.

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo, noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa,

e.Town Hall, Kwisitora esinga pantsi ese- sitatu, No. 3, *Kwinkundla ye marike,*

E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Ma- zimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tsbipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

Impahla xamkelwa nguye azitumele kuma. calana onke e-Koloni. .

M. L. GERRARD,

Umteteleli kwi Ofisi yema- ntyi e Komani.

Uteta amatyala kwi ofisi ye mantyi. Iminqopiso yokwananwa kwemihlaba uya- yifeza kwaneye mvumelano.

Ulungiselela abo baqondayo ukuba abana- kuwahlaula amatyala abo ngokubala ama- pepa abonisa oko.

Abanemali ebanjwa ngabangena kuhlaula amatyala ivakaliswa nguye into leyo ematya- leni. Iminqopiso yamafa uyayibala, kwane- zinye into zase mtetweni. Uhlanganisa izi- kweliti, ayinike uminiyo imali kwa oko. Incwadi zabasebenzi usigcina kakuhle.

Paula oku!

JOHN CHARLTON,

Umlungisi wemicimbi yentlobo zonke, Enjengeyomhlaba, Nomteto, Namafa,

e-Dikeni, nase Xesi (Kwa- Kama) nakwa Qoboqobo.

Lomsebenzi wauqala ngo 1878.

UYAZIWA. AKUFUNEKI KUZINCOMA

Amafa, Ingqeshiso, Iminqopiso nokwa- nanwa kwezi qiniselo zomhlaba yonke lemicimbi yenziwa ngokukauleza.

Utetelela ematyaleni, aquke nemali engamatyala.

PASCOE BROTHERS.

Lempahla intsha inokubonwa

KWA-PASCOE, AYLIFF STREET.

I-SETINE (Silika) emhlope ne Alpaka, Izivato zomtshato esezenziwe, nezi- tofu zokutshintsha zentlobo ezinizi, Izigubungelo zomtshato neNtyantya- mbo,/izihlangu, Iskirts ezimhlope, ne Bodi (impahla yekabakazi ke leyo) Izitezi,ne-Bonet, Iprinti ezikanyayo, nezidaki nezi brown (mfusa) ziqala kwitiki-iyadi. ikeleko ezimhlope nezi- brown, I-linzi eziqala kwi-tiki iyadi. Ikwili ezimhlophe nezinamabala.

Impahla yomtshato nezitofu ezitengiswa nge yadi azidli amaxabiso makulu.

Into eninzi yetyali ezifanele intombi ezizakutshata nabatshakazi.

Uhlobo esigcina ngalo ingubo esezenziwe zabatshakazi lubanga ukuba abantu abaza kutshata abavela kwindawo ezimgama batenge babe noku goduka kwalomini.

Kwivenkile yakwa Sigingqi, e-Qonce.
29th October, 1884.

Kaunqumame! Funda Apa!!

u W. BOOTH,

Uyakutabata ekuqaleni konyaka yonke ivenkile ebi- petwe nge Mr. F. FENNELL.

E-Sautana, Kwela Mamfengu

Njengokuba u Mr. FENNELL eminyaka ilishumi lin- mibini nje ubenga sayikulishiya i Sautana nendoda angayi tembileyo.

Uyakutenga zonke izinto ezinjengezo ziveliswa ngu- mhlaba: noboya, nezikumba, njalo njalo, njalo njalo, ngamanani apezulu anokunikwa napina kwelo la Ma- mfengu.

Ukuba ufuna impahla entsha efanelekileyo neyanelisa umxelo ngomnyaka omtsha yiya ku.

W. BOOTH, e-Sautana.

Impahla ayakuyigcina yenyulwe nganyameko nga madoda akwaziyo ukwenjenjalo.

Itengiswa yonke ngamanani anikwa e-Qonce.

Kumbulani u W. BOOTH, e-Sautana, emva kwe Nibidyala.

KANGELA APA.

Umhloho wenu u Mrs. STEINMETZ,

JAGGERSFONTEIN, O.F.S.

Ovenkile ipambi kweKantoor, uyazisa ukuba ivenkile yake usandukuyilungisa wayandisa.
Ininzi impahla entsha efikileyo. Yonke impahla yalevenkile ngoku ihlisiwe emananini.

Yiyona venkile itengelayo e-Jagersfontein. Inempahla zentlobo zonke zamadoda nomankazana. Ngena ngapakati uzibonele.

IBULUKWE zokusebenza nezokavata ziyalala.
Ibatyi, Ihempe, Iminqwazi, Imibalo, kunye nezihlangu, &c.

Intlobo zonke zokutya ziko.

Iswekile nekofu elungileyo. Umbona, Namazimba. Kwindlu yokubaka kwe- nziwa intlobo zonke zezonka. Ozikook, Nesonka-Somtshato. Yiyona Bakhuis inezonka ezilungileyo.

Kuko Nendlu ecokisekileyo yokudlela.
Izixaso zifunyanwa amaxa onke. (Akutengiswa tywala).

Qonda.—Impahla yalevenkile ilunge (i good koop) yonke.

NDIPENI UMKONDO!

INKABI EMTUSA inebala elimhlope estendeni somlenze wase kohlo ; inebala elim- hlope emhlana elikutukileyo—indawo angati olibonayo lalike lanesilonda kudala. Iqala ukupuma amabamba.

ITOKAZI ELIBOMVU elingenabala izihlatana zifutshane itshoba likwalifutshane.

INKABI EMTUQWA, umtuqwa obomvu onebala estendeni kumlenze wase kunene, aliqabelanga kakula. Umtuqwa omana ukugula xa ukwelweyo. Iminyaka maibe iseshumini.

UMFUSA onekolo encinane isinqana sikwa-Bifutshane yinkabi ekubonakaleni.—Acawe ntatu namhla elahlekile. Onokundilandisa umkondo ngokude afunyanwe wovuzwa—makatumele ku

JOHN BALI.

Fort White, Debe Nek,
December 27, 1884.

R. W. ROSE-INNES,

Umteteleli-Ematyaleni,Umqinisi,
WEMVUMELANO,
Umanani Weziqiniselo.

LONKE UNYAMEKO uyalunikele ekuteteni amatyala abamnyama nakweminye, limicimbi yabamnyama—ofuna umhlaba unokufunelwa, ofuna kujikwe igama lesiqini- selo somhlaba unokwenzelwa. Lemise Ibenzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso.

ANDREW GONTSHI,
Umteteleli ematyaleni,
T R ANS K E I.

I-Ofisi—e-NGQAMAKWE.

BONKE abantsundu abafuna amayeza namacebo apatelele ekungapilini kakuhle. Mabeze ku GEO. BRAUNS, Umdibanisi wemiciza, e Alexandra Road, e-Qonce. Ondlu ikangelene uetyalike yama Roma kwane ofisi zakwa Rulumeni.

Kubamkeli be-Mvo.

NJENGOKUBA kuko uku ngaqondi ngemali ezihlaulelwe le-Kota, singa si- ogenza incazo yokuba esisenzo asiteti kuba amapepa awaku tunyelwa kwakuba ngumhla Wo 31 December, 1884. Into leyo ibonisa ikota ahlaule pakati kwayo umntu. Oku kwenzelwa nkwenza lula umsebenzi woku lungisa incwadi zentlanlo.

IMFUNDO

IKAYA le Ntombi ne Sikolo ease Ncemera (Peelton) liyakuvulwa ngo 30 JANU- ARY, 1885. Intsapo ilindelwe ukuba ifike ngolosuku.

E. W. H. STURROCK,
Inkosazana-Eyongameleyo.
Shaftesbury Home, Peelton,
k. January 15, 1885.

Iveki.

Igqiza lama polisa amhlope linduluke
(apha kwinyanga /??)

ne Iweveki edluleyo, ukusinga eMolteno apo liya kuba yi nkumanda kona fokulinda amasela.

U-MB. JONATHAN AYLIFF wenjenjeya ukumbule e-Ngilane, apo atyelela ngenxa yoku. Iwela kwake impilo.

INTLANGANISO yama Wesile ebikwa Ndlovukazi ngeveki ezimbini ezidluleyo igqibe Rwelokuba u-Rev. Charles Pamla ata- bate indawo ka Rev. J. Lwana e.Qonce neka Rev. Samuel Makobotloane e-Monti. U-Mr- Lwana uya e-Xalanga u-Mr. Makobotloane uya e-Mkangiso.

IBANDLA lase Rabe i United Presbyterian lamkele n-Rev. W. Girdwood, obeke eyimantyi kwa Centane, endaweni yake yobufundisi kanjako. Apo aya kuma kona kuse futura kwa Gcaleka.

KWALELOBANDLA, u-Mr. Zaze Soga wase Mgwali ngati umiselwe ukuba aye kuba ngoivangeli e-Lusizi kwakwa Gcaleka.

UKUVA ukuba ingqakaqa e-Dodoloro ipele kuyavuyisa kanye, notango obelwakelwe abagulayo nalo selucitiwe.

UKUMBIWA kuka loliwe lo usinga e-Burghersdorp kusaqubela pambili ngokukaulelayo. Nalapa kuko iqela lamadodana antsundu enjenjeya no loliwe nkaya endleleni eyapo.

INGXOXO engokudityaniswa kwezityalike ezimbini za Marabe i-United Presbyterian ne Bree Cburch kokona ngoko bekahlangenwe nje isuke yabuyela emva ngakumbi.

INDLALA ngoku sisiva ngati inxamele ukubamba nzima naku Besutu. Inxenye seyipila nzima kwangoku.

KWAKUYO lenyanga siva uknba e-Dutoits- an pakati kwa bembi kona ke kwako ida- bana lentonga, eligqitywe ngokufa kwenye indoda.

EZAPESHEYA zibika umpanga wokububa Ye Bishop yase London.

UMNYULWA wase Kimberley, omele i-Kimberley e-Palamente n G. G. Wolf, sitetanje usentanjeni kwelo, nakuba kodwa emelwe, buko ubumenemene ekutiwa ubenze ngema.

KUYAVUYISA ukuva ngenqubo ntle yo Mr. Koyikwe laba Ngoni. Bati eso sizwe sisi- zwe esitanda kakulu imfazwe, kodwake noko bayavunyelwa ukuba batete ilizwi ebantwini.

INKITA eninzi kunene yabanga bangangeniswa kwilungelo lokuba ngabanyuli ibe imangalelwe ngamanene atile amhlope ase Tyume ukuba ayinalo ilungelo lokuba ngabanyuli. Kuteke kodwa ngo mhla wokuvi- wa kwezimangalo akavela lomadoda, yabake ngoke iyapela into ebitetwa.

E-MELBOURNE ese Australia siva ukuba kuko imashini yokuceba igusha equtywa ngumpunga eseyisetyenziswa kona.

E-RUSSIA inkosana yamajoni ngexesha litile yasiwa ematyaleni ngo kusuka izeke isitembu. Ijwei yakona yabuya nesigwebo sokuba ayinatyala indoda leyo, kuba ngokomteto wama Russia akuko tyala linokumiselwa bani ngalondlela.

IDAYIMANI ezifunyanwa e-Australia zinco- ny wa kakulu, ngobuhle bazo zifaniswa nezase Brazil.

INTLANGANISO enkulu yama fama amhlope, ngati iya kuhlangana kwa Daliwe nge 17th ku February, 1885.

KUKO ulure lokungati ama Bulu e-Trans. vaal asafumana ati qipu pakati ahlulelana ngento emaywenziwe ngawo xa kunjenje nje kwela Bahlambeli.

AMASELA egusha, ama Bulu ama tatu ngase Dodoloro, asand' ukufakwa intambo ngu Commissioner Chalmers.

E-KOMANI sisiva, inkoliso yaba ntsundu abakona e-Lokeshoni abanakuzihlaulwa i-rafu zezindlu zabo ekude kwati ngenxa yoko kwayiwa kutinjwa.

PESHEYA inkosikazi etile yaqauka ngexeshana elingepi, ngokwapukelwa yi nalite emnweni xa ibe ihlamba indlu yayo. Azi amakosikazi, nentombi esitanda kunene uku. qosha ngenaliti ezifubeni, nokuhloma inalite emasondweni eqiya azingeyalekina betu?

LENDLALA ibange ukuba abantu babuyele ebu dlabantwini. Sifumana ingxelo kwi pepa lase Rini yomfo obebu gantuntu ongu Msutu, obenenkosikazi nabantwana ababini, omnye seleyintwazana eqinileyo omnye xa akasayo. Kutiwake lendoda ite kumfazi ngamhla utile makaye kwenza msetyenzana utile kunye nentombi yabo leyo inkulu, yena wosala egcine umntwana. Bemkileke isele indoda imrwitsha lomntwanana, imahlula kubini elinye icala ilipeka elinye iya kulifaka evimbeni. Ibuyile inkosikazi ite inkewu numtwana imse ukuba agcinwe ngumfazi otile, nayeke wobehle abeko. Yopuleke nenyama ebaxelele ukuba yeyenyamakazi eyibulele ngexa ebebengeko. Ite yakutya inkosikazi yapikela ukuhlanza, de yati ngexala lesitukutezi sokungabiko komntwana yaya ngase vimbeni apo ifike kuxonywe kona icala lonmtwana wayo. Ibalekeke yaya ku-bika emzini, apo kupunywe kweziwa ukuba ibanjwe indoda leyo yasiwa komkulu kwa Letsiya, oteke yena mayibulawe.

KWA MQIKELA kwakuzo ezintsuku kusand' ukwenzeka enye into embi kunene. Kuko kona umfo ongu Mkrestu nendlu yake osand' ukubulawa ngokutiwa uya takata. Kuqalwe ke ngendoda, kweziwa ku mfazi, ocele ixesha lokuke abulise izihlobo zake, waza emva koko wawa ngamadolo watandaza; wandulake ukuyihamba indlela yake.

AMAHASHE ngelixesha akolise kakulu ukufa kwisiqingata ease Bofolo, noko abanye bacinga ukuba asisiso sifo, zizilo.

ENDAWENI ka mfi uNgangelizwe siva uku. ba kuya kupatwa ngunyana wake u-Aliva, ominyaka imashumi mabini.

KWELA BAHLAMBELI Kuruman, kunconywa ukuba ninzi kwe mvula nokutyeba kwelizwe.

EZIFIKA kutshanje zibika ukuba buxoki indaba yokuba u Mnyamana ufile.

INDAWO eke sayiti tshiti kweligqitileyo ngokuti kuko ulure lokungati kuza kumiswa imikosi e-Qonce, lonto ayivakali bunyaniso, bayo ngati izindaba zolwimi.

E-PIETERMARITZBURG ezocingo ezipuma kona ziti ingeniso ka loliwe yalonyaka yi £143,000 (iponti). Xa eyanyakamnye ibe iyi £155,000 (iponti).

KWANGAZO siva ukuba isifo siyingenele imikosi yakomkuln kwelo.

U-RULUMENTE wase Transvaal uzivalile zonke izitola zama Arab, babanjwa abatengisi ngokutiwa bamenzela inkohliso u-Rulumente ngokubeka amanani enkohliso emapepeni abo axela ngamanani empahla.

AMA JELIMENI seleqalile ukumzisa umbona omtsha e markeni, kuba ayawanelungelo wona ngenxa genkntalo anayo.

E-BAYI ngeveki edluleyo ngololiwe, kunduluke iqela lama valanti asingisa kwa kwela Bahlambeli.

UMNQUBA weyase Mlungwini umiswe e-Barkly, apoke iya intontelana kona.

NASE NATAL ngoku ilanga lifun 'nkuti lishicilele, nakuba into zingafani, yenye into le yalapa.

KWISITUBA ease Dikeni siva ukuba ilanga libandezele ngamandla kanye, kangokokuba amafama abe seleyigxotile impahla yawo, kuba kutshe nengazangz, itshe imitombo. Azike siyintonina!

NGALENTANGA Biyeva ukuba nase Natal kukolise nkubako intlanganiso zamafama.

INYOKA zase Natal zidume ngobuhlungu, obukulu kangaka ngangokuba ibe litamsanqa ukusinda into ete zalunywa.

NGOLUSUKU kudlule amadoda amashumi mabini ase Ngqushwa aya kumba indlela kaloliwe ngapaya kwe Burghersdorp.

AMAMPONDO amashumi mane anukwe ngenxa yokufa kuka Ngayeni, abalekele kwimantyi yase Mzimkulu. Umditshwa, inkosi ya Mampondomisi eyabangazeka iminyaka mine ngoku edlulevo uvunyelwe ukubuyela kubantu bake e-Tsolo.

UMONGAMELI we Transvaal u Paul Kruger ucele ku Sir C. Warren umpati mikosi yen. kosazana, ukuba babe nokuhlangana e-Boshof. U-Sir C. Warren ute bangahlangana e Ligwa (Barkly West).

IYATONTELA imikosi e-Ligwa. Amadoda aselekwelo akumakulu asibozo.

E-PARIS indoda etile apo isand' ukunikwa ityala edliwe kunene ngalo, ngokusnka itumbuse intwazana etile ngokufuna ukuyifaka amacici. Imkeke yona indlebe yadumba kwada kwexaxe ngentamo ukudumba yaqau- kake. Lakuyikangela igqira lite ngumtunja wenzelwe pezulu kakulu awukona endaweni yawo.

E-AUSTRALIA amabandla awayehle ukuya kona epuma e-Ingilane ukuya kudlala ibola oyisile kwakona.

E-NGCOBO kuko iqela elinobom lempahla eskiti, eya kutengiswa kona, ukuba ayihla- nga ize ikululwe, ngomhla we 4 ku February 1885.

ISAZISO SOMNINI-PEPA.

ABATABATI belipepa le *"Mvo,"* abahlaulela inyanga ezintatu ezipela ngo 31 January 1885 kupela, bayacelwa ukuba ba- yihlaule kwangoku imali yenyanga ezilandelayo. Intlaulo mayingabi ngapantsi kweyanyanga ntatu. Ku- kumninipepa ukungawatumeli ama- pepa abantu abangahlaulanga ngo- mmiselo wama Medi nama Perasi wokuba ipepa lihlaulwe kwasekusu- seleni, ati ubani elitunyelwa nje abeselehlaule. Amagosa acelwa ukuba abavuse abo abagoseleyo. Intlaulo itunyelwa nge Cheque nangemali yase Posini nange Stamps zehalufa egameni lika JOHN TENGOJABAVU.

17 January 1885.

IMFAZO YELA BAHLAMBELI.

UKUBONISA uluvo abati ku- kulawula ngoloyikiso ngenye inteto, kubonakele kuyiyona nto enokunceda kwesisaqunge sela Bahlambeli. Akukade kakulu okuya wonke umtandi masoko alungileyo. nawasebu Rulumenteni nawaba- ntu, waqala wengxwelema akuka- ngela kulentsebenzo yentshabalaliso bekuqutywa yona yinxenye yabemi bobu kumnkani ba Mabulu, ebiyindlela yobupangi, kupangwa i Nkosi ezi ntsundu, ngokumana zisenzelwa amadinga abuqinga e- kuti ete akapumelela lawo sebesuka behlutwa bepangwa kanye, kaloku base besuka beba njenge ndonga ezi valileyo bevalele ngapandle, kwi- nxweme ngenxweme, impembelelo elungileyo neyeyobuntu yobuku- mkani base Mangesini. Eyona nto ibangele ngokungapezulu ukuba izinto zicinezele kangaka yayilu- hlobo ezitetwa ngalo izinto zaselu- laulweni yinxenye yoluntu apa e South Africa, obelunkontele ekutini langalo inamandla yo Laulo lwa Pesheya olugeja paya kwezaziqiti zase Mangesini yiyo into esisitintelo ekufikeni kwamaxesha obulungisa apa e South Africa. Kantike noko kwangabo abona bavangeli balomfu- ndiso, akuzange kwenziwe ngxelo yokokubamhla kuyakwenzwa kwelotala kumhla koze kube kutenina. Kakadenike bebeko bona abangayiqondiyo lemfundiso, ababecinga bona okokuba ukuba ite impembelelo yo Laulo lwa Pesheya ya buya mva kupela kuya kulandela ukungabiko lulaulo lumiyo nezipitipiti nengci- kivo yesiko ebeziya kuveliswa nga- bantu abasenobudenge nakuba beka- ngele pofu entweni. Ngenyaniso akuko nabani ongaba uyalinqwenela elotuba linjalo. Yeyonake nto ibiya- kuhla kanye ukuba besite isitunzi sa- mandla a Pesheya sashenxiswa. Xe- nikweni kwezinyanga zidluleyo kwa- ku tshanje iqela elitile labantu beli baba noluvo olutile, lokobuba i- England ayikatali nento yi Koloni le, seyiruquke yanqunguka mpela, kuteke kwa oko kwasekusuka ama- qela emirungwane, isuka kwilizwe elingaka nokuba likulu i Transvaal elite gabalala kuba alixinene. Ekoko uku yakuhluta umhlaba wabantsu- ndu kuba bebazi ukuba abanama- ndla akumelana nabo, bazenzela apo ngokubona, batsho palipitizelisa. I Koloni ibingenako ukuba nento engayenzayo yokutintela oko, kuba ingenamandla, kwaye kunjalonje isininzi sabemi bayo ingabazalwana bayo lo mirungwane, kwabonaka- lake ngoko ukuba ayinanto yona ingayenzayo iyeyokubeka emtetweni ezo zihange, kuba bekuyakusuke kuvuke imfazwe yamakaya. Yonke lento ayinako ukwenzeka xa ngaba u Rulumente wa-Pesheya usenezwi kwimicimbi elunge nati, ngayo lenxake siyakolwa tina sisiteto eso siti " Ukuhl' uyikaulele into, kulunge ngapezu kokulinga ukuyidambisa ibiseyide yenzeka "—ukuba ke silingwe nakule indlela.

Ukuya kuka Sir CHARLES WARREN paya kunje ngomfisi oseluze kunyanga ukunyatelelwa pantsi nokudelwa kwewonga le Nkosazana kwezandawo ziselulaulweni lwayo nakuba zimgama, kwaye kunjalonje kungeko nto iya kuzenza izinto zilungelelane apa ngapandle kwaso eso situnzi salomandla. Ku- mnandi kanye kuti sakubon' ukuba londawo seyikangelwe, iyabonwa zintliziyo zo luntu lwase Mangesini, kuba silifumana elinye ipepa lela Mangesi *i-Spectator* lisenza amazwi enyaniso nesonti xa liit:—

Akuko nto ibonisa okokuba lomirungwane ayikuti kwakuba kutetwenje kwabuya kwa- yekelelwa ingabuye iqube ngalendlela ibe iquba ngayo ngapambili. Kuba kupela iha- mbele ukuhluta umhlaba kuba ayikolwa okokuba umntu omnyama yena unalungelo la- nto, ngapandle kokuba asebenzele umntu umhlope, yaye kunjalonje icinga okokuba nokubana u-Rulumeni wa Pesheya akanaku- tintelwa bani ngapambili, akayikuyiqinisela lonto, wongati uyateta abuye ayekelele. Ngokoke asingabantu bokuyekelelwa ngaba- ntu bokuseloko belindiwe. Kufikeke saku- ba lapo kuvele indawo yokuba azi okokuba ilizwe elo lingu Nina weli alisayikufuna ndlela yimbina eknmeni kwalo, ngendlela yokuba umhlaumbi lifinyeze ingalo yalo ngo. kumayelana nendawo ezipantsi kwalo, nm- hlaumbi ifune yimbi indlela yokukusela ezo- ndawo eyakuti isebenze yodwa yona ngo- kwayo. Kwawetu amehlo tina eyokuqala indawo yeyona ifuna ukuke icingwe, kuba kuqinisekile okokuba impitimpiti eveliswe kukungacaci kwesimo setu ayisayikwandula ipele. Sinemfanelo ezitile ezisimeleyo zoku- ba sikusele abantsundu abagqibe intabalala yomhlaba ubuninzi, okusoloko uya usanda okukona uya usabonakala mgama, kusoloko utwabulukela nga Sentla, okusoloko kuko intsongolo zesizwe, esisoloko sisilwa nabemi bawo, esimhlope. Kunjaloke kanye, yayeke iyinto engenakutwalwa leyo kupela makwe- nzeke enye kwezindlela zimbini nanzi, —lo- nke malibe lelama Bulu nazo zonke into ezingavelayo azikangelele, kungenjalo kumiswe umkosi onamandla, owomeleleyo, ozipeteyo, oya kuba liliso de abamblope abakweli nabangabapambukeli babe namandla okuzipata ngokwabo. Eyokuqala indawo ayikutande- ka eluntwini olunobuhlobo kwaba ntsundu, eyesibinike mayikangelwe iqondwe. Kwezondawo zingasentla e-South Africa apo bekufuneka umkosi onjalo oya kusinceda ekubambeni amadinga etu, Liti eliya Lizipeteyo ligcine awalo, sibeke sitintela ezindleko zalemikosi imana itunyelwa kwakuhla nto. Lo. mkosi kungafuneka ube mkulu, kuba ungaba ngokuqondwanayo nawo ngabanga Mangesi apa e-Koloni, kungapuma into eninzi ndawe- i ninye upitikezwe ngabantsundu. Imali ongayinqwenelayo ayingebi siso nesishumi semali ukutshelwe le iman' ukuhlanganiswa ngengemfazwe engatike wona ube ugciniwe de ku- we izwi Mongameli Omkulu, masiti Induna eziyakuti zonke into ezilunge nabantsu- ndu zitetwe yiyo, nempikiswano ezikoyo apa e-South Africa zifezwe kwanguye. Siyayazi ukuba lento ingaba nzima ku Rulumeni ongangi angaxanda kakulu, nakwabo abasebesiti bona kade ilizwe litwaliswe nzima, kodwake ubunzima bona abuveliswa kukaba zingafuneki ezonto. Tina simelwe ngenx' enamadinga etu nobuntu betu nkuba silaule e-South Africa, masiti, ngokumalunga naba- ntsundu kona simelwe, ngenx' enama Bulu kona kufuneka kuko umkosi omiyo okoyo. Kuba anje ukuwufuna kwawo umhlaba wa- bantsundu, kanye uqwa nama konxwa ukugi- nyelwa amate kwawo ivenkile yomtengisi wezihombo zentsimbi. Kwezinye indawo ezipitikezileyo ngentlanga asilenzi ilinga eli- nje, nase South Africa apa alinasitunzi saluto.

Amanqaku.

U-MR. HEMMING Imantyi mhla ngolwe Sitatu yawahlanganisa Amatyala ukuba ipulapule izimangalo abanazo abo bebe- case amagama ayi 217 abo bebefuna ilu- ngelo lokuba ngaba voti base Tyume, be- sisiqingata sase Qonce, aboke babenqumla lomagama bebefuna ukulandela umzekelo wabamelwana babo abase Dikeni. Aba- mnyamake bahla bahlanganisana bacela igqweta u Mr. Innes ukuba abamele e- Matyaleni. Kute kaloku ngexa lokuba iqutywe inteto kwabonakala abasilari abo ukuba abako, abango Messrs. James Francis, Wm. Terwin, H. Collins no W. Man abantuke abo abamelene nayo lempi. Kuteke bakuba bengena kuvela ukuba baze bazixele indawo abawanqumla ngazo lomagama, u Mr. Innes wasingisa ku mhle lowo imantyi ukuba, ngokomteto alicite elo abavumele bangene elungelweni lobu voti. Ngeloke Imantyi iqukumbele njalo, yati londaba engeyiba ibukekile yahla yaqukunjelwa. Uteke pambi kwendlu ya Matyala emtunzini wayo u Mr. Innes wenza amazwi kuyo lompi imnyama ebabonisa imfuneko yokokuba bawabi- nqele ngokwabo amalungelo abo. Ubo- nise ngokukodwa ngendawo yokuba ukuba abamangaleli babo abo bebete bafika ngeyiba into eninzi yabo ebonakele inge- ko ibiya kweyela, nokokuba ngebebulela umteto ukuba babe basindile okwana- mhla.

NJENGOKO besesandulele satsho, kubo- nakala ukuba u banjwano obeluse-Dikeni ngalenyanga ifileyo, ngoku-Ngeniswa Kwamagama encwadini yabanyuli, luba- ngele ukuba kuvele iziqamo ezihle. Se- kuminyaka mibini edluleyo abati abantu base Tyume banqwenela ilungelo lokunga bangaba senanini laba voti, ekwatike ngoko babonelelwa ubudenge abanabo 'ngokumalunga nomteto ngabatile ababacasa ngempumelelo enkulu oko. Inamhla ke banokubulela ubulumko ababufumene ngokukangela encwadini yezimiso zomteto, okokuba kanti akwa- nele ukuba umntu afumane nje angenise igama, koko kufuneka, xa ngaba kuya- nqweneleka, eyibonisile imfanelo anayo. Masitembe ngoko ukuba inababe ngoku abo bantu, batanda ukuzonwabisa ngoku- casa amagama abamnyama, ekubeni ku- ngoku esisizwe sintsundu ebesifudula sisiti ukupalaza uburara bentliziyo zaso sitsibe empini nase mkontweni, sizimisele ukutabata ndlela yimbi yoko eyileke si- kuyo ngoku, esikolwayo ukuba le inqubo basaquba ngayo okwangoku, ayisusi na- kancinane intobeko yokutobela Inkosaza- na. Kunjalonje akubonakali sihlahla epa- telele kuso *i-evening Express* ukuze ize kutinje ngokuzalisa kwamagama abantsundu ezincwadini zonyulo, kubonakala okokuba kuya kusuke kunyuswe iziteti ezizitsho zona zinyuselwe kwezipezulu indawo. Okwangoku kona into esiyaziyo neziteti ezikoyo zingabanyulwa baba- mhlope ngokokwabo bodwa.

KUYABONAKALA *ukuba* umcimbi *wokubandakanywa k*walamahlelo mabini *akwa* Kulumente elaselu Cingweni nelase Posini owaka watiwa tupa kwiveki ezidlu- leyo, ngoku ude weza ekufezweni. Ukwe- nziwa kwawo kutatwe kwaditywa elo Cingo kwelase Posini; okukukutike *oko* u-Mr. Sivewright, londodana ibe ipape iqabuke kangaka,ngexa ebingu Mongame- li wo Cingo ipumile seyiyakumana ihanje- lwa yi mali yakwa Rulumente ihleli, indawo yake seyinikelwe ku Mr. Aitchi- son, olisebenze ele Posi lada laza kuba kwesisiganga sokunyuka elikuso ngoku. Ngegama kambe ngolu hluzo kutiwa kufunwa ukongiwa imali, Iwayeke lungxolelwa kakulu nga Mapepa, yonake lonto ngokwayo isinika itemba lokuba u Rulumente akukonto aya kuyenza kuwo lamabandla ingawatobela ezantsi, enya- mekweni yake yokuwavuza amagosa njengoko apakame ngako. Nokubana beku-

funeka kuko omelwe kupuma kuwo lamadoda okokwalo lona uluntu, okungo- kwani kwani kanye bekuyakuba kuba ibe ngu Mr. Aitchison kanye, yena uselene- xesha elide alicite ekusebenzeleni i-Kolo- ni kakuhle kangaka, waye kunjalonje ebe- selefanelwe kokuba angati epumile abe nemali enjalo emhambelayo, kuno Mr. Sivewright umfana omncinane kangaka opapame, onako kangaka ukuwuzalisa umsebenzi wake. akuko idelwayo kuwe

Umhalla, Capt., sipd..1
Ngcumbe, c D. Soga......................................11
Nozwane, run out 0
Tshatshu, b Soga 0
Ganya, not out...0
Seti, b Soga 2
Sondani, c Thomas, b Maigas 1
alo, b Maigas 9
Nkole, b Soga...13
Bovana. b Soga 0
Sidaia, b Maigas 0
Extras 2

1 c Tshatshu, b vana
0 o Umhalla ... „ ... 1 c Qondani ...
'apt., b Ngcumbe 0 c Malo Ngcumbe ... 0 b Ngcumbe...
g ... 0 c Sidaia Siveka, Seti, b
Bovana..... not out
.. 0 c Ngcumbe...
0 b Ngcumbe...
1 b Bovana ...
3 b Ngcumbe... — Extras ... 15

GRAHAM'S TOWN.
2nd Innings.
6 c Zondani, b Bovana
1 c Ganya
12 b Seti 0 not out 5 b Bovana 5 b Ngcumbe 0 b Bovana
0 b Ngcumbe.................... v
1 c Thsatshu b Bovana 0 0 c do. b do.
1 c and b Bovana
3..........................

... 33 ...

Grand total............................

CHAMPION (KING WILLIAM'S TOWN).
1st Innings..
Umhalla (capt.) run out 8
Tshatshu, run out ... 6 "2—
Seti, c Dlepu, b Danga 0
Nozwane, b Danga Malo, b do.
Ngcumbe, not out Qondani, b Budisi Nkoli, b Danga ...
Sidaia. c Dlepu ... Bovana,b Badisi... Ganya, b Badisi...
Extras.........

Total

Grand total............................87

ETHIOPIAN CLUB (PORT ELIZABETH). FIRST INNINGS.
Xiniwe. b Ngcumbe Pezisa, b Bovana... Ross, c Bovana, Ngcumbe
Christian, b Ngcumbe Mdana, not out ... Moli, b Bovana ...
Bopi, b Ngcumbe Hlati, b Ngcumbe Folley, b Ngcumbe
Swartboy, >b Ngcumbe Mabope, b Bovana
Extras

Grand Total ...

CHAMPION CLUB.
FIRST INNINGS. SECOND INNINGS.
Umhalla, b Swartboy Umvallo, b Ross ... Bovana, b
Ross ... Tshatshu, b Ross... Ngcumbe, b Swartboy Seti, c
Moli, b Folley Nozwane, not out Nkole, b Ross Sidaia, b
Ross Ganya, b Pezisa ... Malo, b Ross
Extras.............

0
0
2
0
0
1
2
0
1
1
0
3
10
15
25

... 6 e Mdana, b Danga 7
... 0 0
... 0 b Badisi 3
.. 10 candb Danga 0
... 0 c Dlepu 0
... 3 c and b Danga 20
.. 2 c Sauti, b Danga ... .. 12 not 4
out 3
..lb Danga 2
.. 8.....................................
37
. 50.................................... 50
87

Notice to Subscribers!

THE Publisher hereby notifies to all Subscribers who paid only for the Quar- ter ending 31st January, 1885; and also to intending Subscribers that remittances for the next Quarter are now being received ; and that in no case will the Paper be sent without prepayment. No departure from this rule can be allowed. Cheques and Post Office Money Orders are made payable to TENGO-JABAVU.

Terms: 12s. per with postage ; and Town.
17th January, 1885.

NATIVE OPINION

THE EXPEDITION.

DEMONSTRATING or govern- ing by panic in connection with the Bechuanaland imbroglio has proved very serviceable indeed. It is not very long ago that every lover of good morals in Governments as well as in individuals was beginning to stand aghast at the baneful activity of some of the citizens of the South African Republic in the direction of robbing Native chiefs by specious promises, these unavailing, by despoiling them outright, and forming what migh be appropriately called a cordon,t from coast to coast, to bar the march of the just and humane influence of Great Britain. What served, to a great extent, to make the situation most distressing was the existence of a school of political thought in South Africa which held tenaciously to the belief that the predominance of the Imperial Power, hailing from the British Isles, was the only obstacle in the way of the arrival of the millennium in South Africa. No attempt has ever been made by the apostles of this doctrine to show how this magnificent end could be compassed. The doctrine has, of its such the fol- and the abuse of Representative Insti- tutions, stirred up by an ignorant, though none the less well-meaning majority. Surely no one desires such a contingency. It is, nevertheless, just what would ensue directly the aegis of Great Britain were withdrawn from us.

